



Our stories, our heritage

Heritage Day is a time for South Africans to stop and think about who we are as a nation, where we have come from and where we are going. An important part of who we are, is the languages we speak, and the stories we tell and those that have been told to us.

Storytelling is central to our heritage as South Africans, Africans and human beings. As human beings we use stories to remember and to make sense of our lives. We tell each other about our lives using the story form. So, because telling and remembering stories is so easy for us, we can use stories to connect our children to their language, culture and the generations that have come before us. And what's more, as we share and tell stories, we inspire children to want to tell stories themselves – and this is where the literacy magic begins.

Amabali ethu, ilifa lethu lemveli

USuku lwaMafa eMveli lixesha lokuba abantu baseMzantsi Afrika bakhe beme bacinge ngokuba thina singoobani njengesizwe, sivela phi na kwaye sisingise phi na. Inxanye ebalulekileyo malunga nabantu esingabo, ziilwimi esizithethayo, namabali esiwabalisayo kunye nalawo siwabaliselweyo.

Ukubalisa amabali yimbilini yelifa lemveli kubantu baseMzantsi Afrika, kuma-Afrika ngokubanzi kunye nakuluntu jikelele. Njengabantu sisebenzisa amabali ukukhumbula nokuqonda kwanokufumanisa intsingiselo yobomi bethu. Sixelelana nabanye ngobomi bethu, sisebenzisa ubume bobaliso lwamabali. Ngoko ke, ngenxa yokuba ukubalisa nokukhumbula amabali kulula kakhulu kuthi, sinakho ukusebenzisa amabali ukunxibelelanisa abantwana bethu neelwimi zabo, neenkubeko zabo kunye nezizukulwana ngezizukulwana ezibekho phambi kwethu. Kanti ngaphezu koko, njengoko sisabelana kwaye sibaliselana ngamabali, sivuselela abantwana ukuba nabo banqwenele ukubalisa amabali ngokwabo – kulapho ke kuqalisa khona ummangaliso welitheresi.

Do you want to make sure that your children are getting the most out of your storytelling times? Here are ideas to help deepen and extend their experiences of the stories you tell.

Before

- ★ Sing a song or say a rhyme linked to the content of the story or one of the story characters.
- ★ Ask your children if they know any stories about the kinds of characters that will appear in the story you are about to tell, for example, "Do you know any stories about boys or girls who get lost?" Invite your children to share their memories as well, for example, "Have you ever been lost?"

During

- ★ As you tell the story, stop briefly once or twice to ask, "What do you think will happen next?" When children think about cause and effect, it deepens their understanding about how things work.
- ★ Invite your children to join in the telling of the story by asking them to make sound effects, like knocking on the floor to make the sound of knocking on a door. They can also use

body movements to imitate parts of the story, for example, swaying like trees in the wind.

After

- ★ Many stories focus on how characters deal with challenges that life sends their way. Encourage your children to relate these things to challenges that they face in their own lives, by saying something like, "When I tell this story, it reminds me of how important good friends are. What does it remind you of?"
- ★ Children develop empathy by putting themselves in a character's situation. Help them to do this by asking them to think about why characters behaved in particular ways in the story.
- ★ Invite children to retell the story you have told, or to draw or paint a picture of their favourite part of the story. Or, act out the story with them. These activities help them to deepen their understanding of the story.

Ingaba ufuna ukuqinisekisa ukuba abantwana bakho bazuzela lukhulu kumaxesha akho okubalisa amabali? Nazi iibono ezinokunceda ukuzikisa nokolula amava abo ngamabali owabalisayo.

Phambi kokubalisa

- ★ Culani ingoma okanye nenze isicengcelezo esinxulumene nesiquatho sebalini okanye nabalinganiswa abathile ebalini.
- ★ Buza abantwana bakho ukuba ingaba kukho amabali abawaziyo na amalunga neentlobo zabalinganiswa eziza kuvela ebalini oza kulibalisa, umzekelo, "Ingaba akhona amabali eniwaziyo angamakhwenkwe okanye angamantombazana alahlekayo?" Khuthaza abantwana bakho ukuba nabo ngokunjalo babalise ngezinto abazikhumbulayo nezakhe zabehlela, umzekelo, "Ingaba nakhe nalahleka nina?"

Lo gama kubaliswayo

- ★ Xa ubalisa ibali, hamba unqumama okwethutyana kanye okanye kabini ukuze ubuze wenjenje, "Nicinga ukuba yintoni eza kwenzeka elandelayo?" Xa abantwana becinga ngonobangela nangesiphumo, okanye ukuze kwenzeka okuthile kufuneka kuqale kwenzeka okuthile, oko kwenza ukuba kondele ukuqondiswisa kwendlela ezisebenza ngayo izinto.
- ★ Mema abantwana bakho ukuba bajoyine ekubaliseni ibali ngokubacela ukuba benze izandi ezinefuthe nengxolo ekhapha izehlo zebali, njengokungqisha emgangathweni

ngokungathi oko sisandi sokunkqonkqoza emnyango. Kananjalo basenokusebenzisa iintshukumo zomzimba ukulinganisa iinxenye ezithile ebalini, umzekelo, ukuhexa njengemithi xa iphetshukiswa ngumoya.

Emva kokubalisa

- ★ Amabali amaninzi aqalisa kwindlela abalinganiswa abayisombulula ngayo imingeni abaqubisana nayo abathi bayiphathelwe bubomi babo. Bakhuthaze abantwana bakho ekubeni banxulumanise ezi zinto zehla emabalini nemingeni abajongene nayo ebomini babo ngokuthi uthethe into efana nokuthi, "Xa ndibalisa eli bali, ndikhumbula indlela ababaluleke ngayo abahlobo abalungileyo. Wena likukhumbuzwa ntoni?"
- ★ Ukukwazi ukucingela abanye ebantwaneni kuphuhla xa bezibeka bona siqu kwimeko umlinganiswa lowo akuyo. Bancede ekwenzeni oku ngokubacela ukuba bacinge ngezizathu ezibangele ukuba abalinganiswa baziphathe ngeendlela ezithile ebalini.
- ★ Mema abantwana ukuba babalise kwakhona ibali olibalisileyo, okanye bazobe kungenjalo bapeyinte umfanekiso weyona ndawo bayithandileyo ebalini. Kungenjalo, banokulibonisa nawe njengomdlalo weqonga elo bali. Le misetyenzana inceda ukuzikiswa kokuqonda kwabo ibali elo.

What's inside?

- ★ The story by our Story Bosso 2016 winner
- ★ Two other stories to enjoy
- ★ A Heritage Day poster on page 2

Yintoni equlathwe lolu hlelo?

- ★ Iballi elibaliswa ngowaphumelela ukhuphiswano lwethu lweStory Bosso ngowama-2016
- ★ Amanye amabali amabini onokuwonwabela
- ★ Ipowusta yoSuku lwaMafa eMveli ekwiphepha le-2



We will be taking a break until the week of 15 October 2017. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-15 kweyeDwarha kowama-2017. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!
Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiye!



Read to me.



In my language.

Get the most out of the Nal'ibali Supplement

Here are some ideas for using the Nal'ibali Supplement – again and again!



Fumana kangangoko kuHlelo lukaNal'ibali

Nazi ezinye iibono eziqhubela phambili ukusetyenziswa koHlelo lukaNal'ibali – amaxa ngamaxesha!

- Make story resources.** Take the pages for the cut-out-and-keep books (pages 5–12) out of the supplement. On your own or with the children make these into books for the children to use. Use the longer Story Corner stories (pages 14 and 15) to create story cards by pasting them onto cardboard and covering them with cling wrap.
- Read aloud.** Use the cut-out-and-keep books as stories to read aloud to your class or reading club. Let the children follow along in their own copies as you read to them. For older children, you can do this with the Story Corner stories too.
- Read in two languages.** Both you and the children can have fun learning to read in two languages. First read the cut-out-and-keep books in your most familiar language and then in the other language.
- Read alone and in pairs.** Let the children choose which cut-out-and-keep book or Story Corner story they would like to read on their own (independent reading) or with another child (paired reading). At your reading club, also invite older children to read to younger children.
- Tell a story.** Familiarise yourself with the Story Corner stories and then tell them to the children in your class or at your reading club.
- Do classroom activities.** Use some of the “Get story active!” ideas that appear in the Nal'ibali Supplement, as classroom activities for your Literacy and/or Life Skills lessons.
- Store the stories.** Need a place to store the cut-out-and-keep books you have made? Reuse ice-cream containers, cereal and shoe boxes, and photocopy paper boxes and lids to store your reading resources. Keep them in a special place in your classroom or at your reading club, so that the children know where to find them if they want to read them.
- Share the news.** Look out for the Nal'ibali News, Nal'ibali Bookshelf, Reading Club Corner and Story Powered Schools features in different editions of the supplement. Cut out these features and display them in the staff room. Or, make a news board somewhere in the school so that parents, children and staff can all find out more about reading for enjoyment.
- Help families learn.** Share information with the children's parents and other caregivers by sending home page 1 of the supplement for them to read.

- Ukwenza oovimba bamabali.** Khupha amaphepha enza iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine (kwiphepha le-5 ukuya kwele-12) eziphuma kuhlelo. Wena ngokwakho uwedwa okanye ukunye nabantwana yenzani iincwadi ngawo ukuze zisetyenziswe ngabantwana. Sebenzisa amabali amadana eNdawo yamabali (akwiphepha le-14 nele-15) ukuze ngawo kuyilwe amakhadi amabali ngokuwancamathelela kwikhadibhodi aze agqunywe okanye akhavarishwe ngesisongelo seplastiki enamatheleyo.
- Ukufunda ngokuvakalayo.** Sebenzisa iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine njengamabali anokusetyenziswa xa kufundwa ngokuvakalayo eklasini yakho okanye kwiklabhu yokufunda. Abantwana nabo mabafunde belandela kwikopi zabo xa ubafundela. Kubantwana abadala, ungakwenza oku usebenzisa namabali eNdawo yamabali.
- Ukufunda ngeelwimi ezimbini.** Wena nabantwana ningakonwabela ukuziqhelanisa nokufunda ngeelwimi ezimbini. Qala ngokufunda iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine ngolu lwimi lwakho uluqhelileyo wandule ukuzifunda ngolunye ulwimi olu zibhalwe ngalo.
- Ukufunda uwedwa kwanangezibini.** Abantwana mabazikhethele iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine okanye ibali leNdawo yamabali abanqwenela ukuzifundela lona ngokwabo (ukuzifundela uzimele geqe uwedwa) okanye ukuzifundela nomnye umntwana (ukufunda ngezibini). Kwiklabhu yakho yokufunda, mema kananjalo abantwana abadadlana ukuba bafundele abantwana abancinane kubo.
- Ukubalisa ibali.** Ziqhelanise namabali eNdawo yamabali uze uwabalisele abantwana beklasi yakho okanye uwabalise kwiklabhu yakho yokufunda.
- Ukwenza imisetyenzana yaseklasini.** Sebenzisa ezinye zeembono ezifumaneka kwicandelo elithi, “Yenza ibali linike umdla!” kuHlelo lukaNal'ibali njengemisetyenzana yaseklasini, usenzela izifundo zakho zeLitheresi kunye/okanye nezeZakhono zoBomi.
- Ukugcina amabali.** Andithi udinga indawo yokugcina iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine ozenzileyo? Phinda usebenzise izikhongozelo zeayisikhrim, iibhokisi zeesiriyeli nezezihlangu, uze wenze ikopi zeebhokisi zamaphepha nezivalo onokuzisebenzisa njengezisele zakho zokugcina izinto zokufunda. Zigcine kwindawo yohlobo olulodwa nekhethekileyo eklasini yakho okanye kwiklabhu yakho yokufunda, ukuze abantwana baqiniseke ngendawo abanokuzifumana kuyo xa befuna ukuzifunda.
- Ukubaliselana nokwabelana ngeendaba.** Hlala ulindele ze ufunde iindaba zakwaNal'ibali, Ishelufa yeencwadi kaNal'ibali, Ikona yeklabhu yokufunda kunye namanqaku eStory Powered Schools ezifumaneka kwiintlelo ezahlukeneyo ezishicilelweyo. Sika, ukhuphe la manqaku ukuze uwaxhome kwigumbi labasebenzi elihlala ootitshala. Okanye, yenza ibhodi yeendaba kwindawo ethile esikolweni ukuze abazali, abantwana nabasebenzi bonke, kuqukwa nootitshala, baxhamle ngakumbi malunga nokufundela ukuzonwabisa.
- Ukunceda iintsapho ngokufunda.** Yabelanani ngeenkukacha nabazali babantwana kwakunye nabo banikela ngokhathalelo lwabantwana njengeempelesi ngokuthumela iphepha lo-1 lohlelo ukuze balifunde.

Did you know that you can get copies of this supplement in other languages, or copies of earlier supplements? Go to the “Stories & supplies” section and then scroll down to “Story supplies” on our special Story Powered Schools website: www.storypoweredschools.org.



Ubusazi na ukuba ungazifumana iikopi zolu hlelo ngezinye iilwimi, okanye ungafumana nezinye iikopi zeentlelo zangaphambili? Yiya kwicandelo elithi, “Stories & supplies” uze uye ezantsi ngenkomba yakho kwiqhosha elithi, “Story supplies” kwiwebhusayithi yethu ekhethekileyo yeStory Powered Schools: www.storypoweredschools.org.

Putting stories at the heart of your school ★ Beka amabali phambili esikolweni sakho

Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep books, *Spider, the drummer* (pages 5, 6, 11 and 12) and *Orange* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *The sky is falling down!* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



Spider, the drummer

Winner, Story Bosso 2016

This story is a retelling of a traditional South African story. In it, the people of a small village admire Spider for his drumming skills, but dislike his greediness. They decide to keep a village celebration a secret from Spider so that his greediness doesn't ruin it. But the trouble starts when Spider finds out.

- ★ Ask your children questions that encourage them to think critically about the actions of the villagers and Spider in the story. For example, you could ask:
 - ✿ Do you think the villagers were right to keep the celebration a secret from Spider? Why/why not?
 - ✿ Do you think Spider was right to feel angry at them for keeping the celebration a secret? Why/why not?
- ★ Suggest that your children add to the story. Ask them to imagine what the villagers did after the story ends. When the villagers woke up the next morning, how did they feel about what had happened? What might they have decided to do? Your children could start their new part of the story, with, "The next morning when the villagers woke up ...". Encourage them to write or tell the next part of the story.



Orange

On his visit to the city, a young boy notices all the things around him that are the colour, orange. Younger children will enjoy this book, but you can use it with older children too. Suggest that they read it in their home language first and then in the other language of the supplement.

- ★ As you read the book together, talk about the illustrations. You can ask your children questions like these on each of the pages.
 - ✿ What can you see that is orange in this picture?
 - ✿ What is the boy/the boy's family doing?
 - ✿ What else can you see in the picture?
- ★ Encourage your children to make their own books about a colour. They could draw the pictures themselves or cut them out of magazines. Help younger children by writing down the words and/or sentences that they tell you for their book. Suggest that older children make bilingual books by writing their book in their home language first and then translating it into another language.



The sky is falling down!

Little Chicken is out walking one day when a marula fruit falls on her head. She thinks that the sky is falling down and decides that she must go and warn the chief. Along the way, Little Chicken meets other animals that join her. They are all so busy worrying about the falling sky that they don't realise what danger they are in when they meet Jackal!

- ★ When Little Chicken said that the sky was falling, all her friends believed her without question. Nothing bad would have happened if they had asked Little Chicken questions to help them work out what had really struck her on the head. Ask your children what they think we can learn from this.
- ★ Invite your children to draw or paint a picture to show what it might look like if the sky really was falling down.
- ★ Can your children think of a different ending for this story? Invite them to retell the story in their own way, changing what happened after the animals entered the Jackal's cave.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u-*USigcawu, umbethi-magubu* (okwiphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12) kunye no-*Umbala o-orenji* (okwiphepha le-7, ele-8, ele-9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo yamabali, *Isibhakabhaka siyawa!* (okwiphepha le-15). Khethe ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

USigcawu, umbethi-magubu

Owaphumelela ukhuphiswano lweStory Bosso ngowama-2016

Eli libali elibaliswa ngokutsha lisuselwa kwibali lemveli laseMzantsi Afrika. Kulo, abantu belali encinane bathanda kwaye bencoma uSigcawu ngenxa yezakhono nobuchule bakhe bokubetha amagubu, kodwa bekucaphukela kakhulu ukunyoluka kwakhe. Bathatha isigqibo sokumfihlela uSigcawu ngombhiyozo oselalini ukuze angawonakalisi ngokunyoluka kwakhe. Kodwa ingxaki iqala akuba uSigcawu ezivile ezo ndaba.

- ★ Buza abantwana bakho imibuzo ngendlela ebakhuthaza ukuba bacinge ngokuncoma begxeka malunga nezenzo zabantu belali nangoSigcawu apha ebalini. Umzekelo, unokubuza ngolu hlobo:
 - ✿ Nicinga ukuba kwakulungile ukuba abantu belali bamfihlele uSigcawu ngombhiyozo? Kutheni kunjalo/kutheni kungenjalo?
 - ✿ Nicinga ukuba uSigcawu wayefanele ukubaqumbela abantu belali kuba bamfihlele ngombhiyozo? Kutheni kunjalo/kutheni kungenjalo?
- ★ Cebisa ngokuyalela abantwana bakho ukuba bongeze kweli bali. Bacele ukuba baqikelele okanye bathelekelele okwenziwa ngabantu belali emva kokuba ibali eli lifikelele esiphelweni. Mhlawumbi xa abantu belali bevuka ngemini elandelayo, baziva njani ngento eyenzekayo? Mhlawumbi ingaba bagqiba ukuba benze ntoni? Abantwana bakho banokuqalisa inxenye entsha yebali ngeyabo indlela enokuqala ngokuthi, "Ngentsasa elandelayo xa abantu belali bevuka ...". Bakhuthaze abantwana bakho ukuba babhale okanye babalise inxenye leyo ilandelayo yebali.

Umbala o-orenji

Yakuba ifike esixekweni, inkwenkwana iphawule zonke izinto eziyingqongileyo ezinombala o-orenji. Abantwana abaselula baya kuyonwabela le ncwadi, kodwa ungayisebenzisa nakwabadadlana kananjalo. Bacebise ukuba baqale ngokuyifunda ngolwimi lwabo lwasekhaya bandule ukuyifunda ngolunye ulwimi olusetyenziswe kuhlelo.

- ★ Lo gama niyifunda kunye incwadi, thethani ngemifanekiso ekuyo. Unakho ukubabuza abantwana bakho imibuzo efana nale kwiphepha ngalinye.
 - ✿ Yintoni eniyibonayo enombala o-orenji kulo mfanekiso?
 - ✿ Ingaba inkwenkwe/usapho lwenkwenkwe lwenza ntoni?
 - ✿ Yeyiphi enye into eniyibona emfanekisweni?
- ★ Khuthaza abantwana bakho ukuba benze ezabo iincwadi ngombala othile. Banokuzoba imifanekiso ngokwabo okanye bayisike beyikhupha kwiimagazini. Ncedisa abantwana abaselula ngokubabhalela phantsi amagama kunye/okanye izivakalisi abakuxelela zona ngeencwadi zabo. Cebisa abantwana abadadlana ukuba ezabo iincwadi zibe neelwimi ezimbini ngokuba babhale iincwadi zabo ngolwimi lwasekhaya kuqala baze baziguqulele kolunye ulwimi.

Isibhakabhaka siyawa!

USikhukukazana ngenye imini uthe esahamba-hamba sasuka isiqhamo semarula sawela phezu kwentloko yakhe. Ucinge ukuba kuwa isibhakabhaka waze wathatha isigqibo sokuba aye kulumkisa inkosi. Endleleni uSikhukukazana udibana nezinye izilwanyana ezithi zimkhaphe kolo hambo lwakhe. Zonke izilwanyana zizixakekise ngokukhathazeka ngenxa yesibhakabhaka eswayo zide zingayiboni nengozi ezikuyo xa zidibana noDyakalashe!

- ★ USikhukukazana wathi akuthi isibhakabhaka siyawa, bonke abahlobo bakhe bamkholelwa, ngaphandle kokumbuza imibuzo. Kwakungekho nto imbi eyayinokwenzeka ukuba babekhe bema bambuza imibuzo ethile uSikhukukazana ukuze bamncedise ngokucinga ukuba wayebethwe yintoni na entloko. Buza abantwana bakho ngokuba bacinga ukuba singafunda ntoni na kweli bali.
- ★ Mema abantwana bakho ukuba bazobe okanye bapeyinte umfanekiso obonisa ukuba bekunokukhangeleka njani na ukuba besinokuwa ngenene isibhakabhaka.
- ★ Ingaba abantwana bakho banganakho ukucinga ngendlela eyahlukileyo yokuqukumbela eli bali? Bameme ukuba babalise ngokutsha eli bali ngeyabo indlela, batshintshe nento eyenzeka emva kokuba izilwanyana zingene emqolombeni kaDyakalashe.

Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.

fast asleep.

“How can you be sleeping?” shouted the boy. “Everyone is waiting for water!”



Teunpfee, gump, gump, gump, teunpfee, gunggungunnn! What was that drumming sound that she could hear? *Teunpfee, gump, gump, gump, teunpfee, gunggungunnn!* The rhythm of the drums made her stand up and dance, and she forgot all about collecting the water. She danced and danced until she was very, very tired.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

UNalibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.




Winner, Story Bosso 2016
Owaphumelela ukhuphiswano
lweStory Bosso ngowama-2016



Spider, the drummer
USigcawu, umbethi-magubu

*Nonhlanhla Hadebe
Rico*

Beruk is holding two
orange balls.
UBeruk ubambe iibhola
ezimbini eziorenji.



Orange Umbala o-orenji




Reproduced by kind permission of The Little Hands Trust and the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA). To find out more about PRAESA, go to www.praesa.org.za.

Ipapashwe ngokutsha ngemvume yabakwaThe Little Hands Trust neProject for the Study of Alternative Education in South Africa (iPRAESA). Ukuze ufumane ulwazi oluthe vetshe ngabakwaPRAESA, ndwendwela ku-www.praesa.org.za.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa lokuvuselela oko abantwana banokukwazi ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi






UMama unxibe iziliphasi eziořenji. UMimi unxibe ishoti corenji.



Baba has an orange razor.
UTata unereyizara corenji.






What other orange things
can you find?

*Zikhona ezinye izinto
eziorenji onokuzifumana?*

Mama's wearing orange slippers. Mimi's
wearing orange shorts.



This colour is orange.
Lo ngumbala o-orenji.




A colorful illustration of a busy street scene. In the foreground, a yellow taxi and a pink car are stopped at a traffic light. A woman in a red dress and a man in a green shirt and hat are standing on the sidewalk. The background shows a cityscape with a large dome and buildings.

X



The evening before the celebration, Spider waited until the sun had set and darkness covered every part of the earth. When he was sure that all the villagers were fast asleep, he took his drums and carried them down to the river. Then he hid in the tall summer grass on the river's edge until dawn.

Ngokuhlwa okuphambi kosuku lombhiyozo, uSigcawu walinda kwade kwatshona ilanga nayo yonke indalo yasemhlabeni sele igutyungelwe bubumnyama. Uthe akuqiniseka ukuba bonke abantu belali balele yoyi, wathatha amagubu akhe waya emlanjeni. Waza wazimela phakathi kwengca ende yasehlotyeni esenyeleli yomlambo, kwada kwasekuseni.



A long time ago, when animals could speak human languages, there lived a spider.

Spider was no ordinary creature. He was an excellent drummer and such a seasoned musician that when he drummed, every one of his eight legs would beat a different drum!

Although people in Spider's village really loved his music, there was one thing that they didn't like about him. Whenever there was a celebration, Spider would eat up all the food and there would be nothing left for anyone else.

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala kwamhlanene, izilwanyana ezi zisakwazi ukuthetha iilwimi zabantu, kwakukho isigcawu esithile.

USigcawu lo wayengesosidalwa siqhelekileyo. Wayengumbethi-magubu omangalisayo kwaye evuthiwe nasengomeni kangangokuba xa ebetha amagubu, ingulowo nalowo umlenze kwimilenze yakhe esibhozo wawubetha igubu elahlukileyo!

Nangona abantu kwilali kaSigcawu babewuthanda ngenene umculo wakhe, inye nje into ababengayithandi ngaye. Qho xa kukho imibhiyozo, uSigcawu wayekutya akugqibe konke ukutya, kungabikho kwanto ishiyekayo enokutyiwa ngabanye abantu.




But someone didn't know how to keep a secret! It wasn't long before Spider heard that he was the only one not invited to the celebration. He was furious!

"How dare they ignore me like that!" fumed Spider. "I'll teach them a lesson. Now they'll see my true colours." Then he sat down and began to think. He thought and thought, until eventually he had a plan. He knew just what he was going to do.

Kodwa kwabakho umntu owayengakwazi ukugcina ihlebo! Kuthi kungekudala weva uSigcawu ukuba nguye yedwa lo ungamenywanganga embhiozweni. Waqumba kakhulu ke koko!

"Banesibindi ukuba bangasuka bandikhethe kanjalo nje!" wakutsho oku evutha ngumshindo uSigcawu. "Ndiza kubafundisa isifundo. Ngoku baza kundazi kakuhle." Wahala phantsi waze waqalisa ukuzikisa ukucinga. Wacinga, wacinga, wade, ekugqibeleni wali fumana icebo. Wayeqiniseke kakuhle ngento awayeza kuyenza.



One day, the people in the village were preparing for a big celebration. News spread fast and everyone was excited about it. But then they remembered the problem of greedy Spider!

"Let's keep the celebration a secret this time," the villagers said to one another. They all agreed that Spider should never find out.

Ngenye imini, abantu belali le babelungiselela umbhiyozo omkhulu oza kubakho. Zanwena ngokukhawuleza iindaba, baza bachwayita bonke abantu bakuva ngale mini. Kodwa kuthe kusenjalo bayikhumbula ingxaki yokunyoluka kukaSigcawu!

"Kufuneka sizifihle iindaba zombhiyozo kweli lixa," babehlebelana besitsho abantu belali. Bavumelana bonke ngokuthi uSigcawu makangaze ayazi loo nto.

"Aha!" shouted everyone. "Spider! Spider! Come out from your hiding place! We know you're here!"

Spider crawled out of the long grass, looking very pleased with himself.

"Why did you make us dance until we were exhausted?" the people asked.

"Well, if you had invited me to the celebration, I wouldn't have," snarled Spider.

"But Spider, the only reason we didn't invite you, is because you are so greedy! You always eat all the food at our celebrations," they explained.

Spider looked down and said, "I'm sorry. I promise you I will change. I won't ever be so greedy again."


"Heke!" kwakhwaza wonke umntu. "Sigcawu! Sigcawu! Phuma ezingcongolweni! Siyazi ukuba ulapha!"

USigcawu warhbuluza waphuma kuloo ngeca inde wayezimle kuyo, eziya onelisekile sisenzo sakhe.

"Kutheni usixhentsise sade sadinwa kangaka nje?" babuza abantu. "Kalo ku, ukuba benindimemile embhiozweni, ngendingakhange ndenze njalo," wabhavuma watsho uSigcawu.

"Kodwa Sigcawu, siye kuphela isizathu sokuba singakumemi, kukuba unyoluke ngokugqithisileyo! Usoleko ukuya konke ukuya embhiozweni yethu," bacacisa njalo abantu.

USigcawu wajonga phantsi waze wathi, "Ndicela uxolo. Ndiyathembisa ukuba ndiza kutshintsha kweso simo. Andisayi kuze ndiphinde ndinyoluke kangako kwakhona."



Meet the Chopra family!

We'd like to introduce you to some of our new Nal'ibali characters – Priya and her family!

Priya is 8 years old. She lives with her mother, father, grandfather, grandmother, younger brother and older sister. She is very lucky because all the adults in her home take turns to read to the children! Her sister, Shilpa, who is 11 years old, also reads to her sometimes. Shilpa especially enjoys reading books about famous people. Priya thinks that some of these people seem a bit boring, but she enjoys it when Shilpa reads to her about people who have discovered interesting things about the universe!

Priya and Neo are in the same class at school. They are in Grade 2. They are friends at school and they also spend time together after school. Sometimes when Neo comes over to play at Priya's house, he brings Mbali with him. Then Mbali and Priya's younger brother, Rahul, play together. Priya thinks that Rahul can be a bit bossy towards Mbali, just because he is four years old and she is only two. But, they seem to have lots of fun together – and they make the biggest mess ever! Once they brought buckets of sand inside the house and built a sandcastle on the mat in the lounge!

Priya is also good friends with Bella. They often play together, and every Saturday one of their moms takes both girls to the library. (Noodle usually tries to go too, but dogs are not allowed in the library!) Priya and Bella's favourite game is to dress up as queens and to dress Noodle up too. Then they have a pretend feast of their favourite foods – bananas, biscuits and ice-cream.

How is your family similar to Priya's? How is it different?



Dibana nosapho lwakwaChopra!

Masikwazise abanye babalinganiswa bethu abatsha bakaNal'ibali – uPriya nosapho lwakhe!

UPriya uneminyaka e-8 ubudala. Uhlala nomama wakhe, utata, utatomkhulu, umakhulu, umntakwabo omncinane nodadewabo omdala kuye. Unethamsanqa elikhulu yena kuba bonke abantu abakhulu kowabo babolekisa ngokufundela abantwana! Udadewabo uShilpa, oneminyaka eli-11 ubudala, naye uyamfundela ngamanye amaxesha. UShilpa ukuthanda ngakumbi ukufunda iincwadi ezimalunga nabantu abadumileyo. UPriya yena ucinga ukuba abanye baba bantu banendawana ekuqulayo, kodwa uba nomdla xa uShilpa athe wamfundela ngabantu abafumanise izinto ezinomdla ehlalathini nasendalweni jikelele!

UPriya noNeo baseklasini enye esikolweni. Bafunda iBanga le-2. Bangabahlabo esikolweni kwaye baphinda bachihe ixesha labo kunye emva kokuphuma kwesikolo. Ngamanye amaxesha xa uNeo endwendwela uPriya kowabo ukuze badlale kunye, uza noMbali. UMbali nomntakwaboPriya omncinane, uRahul, badlala kunye xa athe weza. UPriya ucinga ukuba uRahul unendawo ethanda ukulawula nokuntlokothisa uMbali, ngenxa yokuba eneminyaka emine ubudala aze yena uMbali abe neminyaka emibini nje kuphela. Kodwa, babonakala ngathi bayakonwabela kakhulu ukudlala kunye – kwaye kude kuthi saa into yonke futhi kungcole kangako! Ngenye imini beza nee-emelana zesanti phakathi endlwini baza bakha inqaba yesanti emethini esegumbini lokuhlala!

UPriya ukwangumhlobo omkhulu kaBella. Bakhola ukudlala kunye, kanti qho ngoMgqibelo omnye woomama babo uya nala mantombazana omabini kwiithala leencwadi. (UNoodle uye azame ukuhamba nabo naye, kodwa izinja azivunyelwa ukungena kwiithala leencwadi!) Owona mdlalo uthandwa nguPriya noBella kukuhomba njengeekumkanikazi kunye nokuhombisa uNoodle. Bayakuthi ke emva koko benze ngathi batya isidlo sabo esikokona kutya kwabo bakuthandayo – iibhanana, iibhisikithi neayisikhrimu.

Ingaba lufana njani olwakho usapho nolukaPriya? Ingaba lwahluka njani?

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

Ikwewezi FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

Lesedi FM on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

Ligwalagwala FM on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

Munghana Lonene FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

Phalaphala FM on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

RSG on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

Thobela FM on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

Ukhozi FM on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

X-K FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umamele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

KuIkwewezi FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

KuLesedi FM ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

KuLigwalagwala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuMunghana Lonene FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

KuPhalaphala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

KuRSG ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuSAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.


KuThobela FM ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

KuUkhozi FM ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

KuUmhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.


KuX-K FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.

The sky is falling down!



Retold by Wendy Hartmann ★ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly

One sunny day, Little Chicken went out to look for food. She was walking under a clump of marula trees, when suddenly *THWACK!* – a fruit from one of the trees fell on her head.



“Ow! Something fell on my head!” clucked Little Chicken. She looked up and saw nothing but the sky. “Oh my goodness,” said Little Chicken. “It must be the sky. The sky is falling down. I must go tell the chief.” So off she went cluck, cluck, clucking, and then she met Rooster pecking in the field.

Rooster looked up from his pecking. “Where are you going, Little Chicken?” he asked.

“I’m going to tell the chief that the sky is falling down,” explained Little Chicken.

“That’s awful! May I come with you to give the chief this news?” asked Rooster.

“Yes,” said Little Chicken, “you may come with me.”

So Little Chicken and Rooster went to tell the chief that the sky was falling down. They walked along clucking and pecking, and then they met Duck at the edge of the farm dam.

“Where are you going, Little Chicken and Rooster?” asked Duck.

“We’re going to tell the chief that the sky is falling down,” explained Little Chicken.

“That’s awful! May I come with you to give the chief this news?” asked Duck.

“Certainly,” said Little Chicken and Rooster. “Come with us.”

So Little Chicken, Rooster and Duck went to tell the chief that the sky was falling down. They walked along clucking, pecking and quacking, and then they met Goose.


“Where are you going?” asked Goose.

“We’re going to tell the chief that the sky is falling down,” explained Little Chicken.

“May I come with you?” asked Goose.

“Yes,” said Little Chicken, Rooster and Duck.

So Little Chicken, Rooster, Duck and Goose went to tell the chief that the sky was falling down. They walked along clucking, pecking, quacking and honking, and then they met Turkey.



“Where are you all going?” asked Turkey.

“We’re going to tell the chief that the sky is falling down,” explained Little Chicken.

“May I come with you?” asked Turkey.

“Oh yes, of course you may,” said Little Chicken, Rooster, Duck and Goose.

So Little Chicken, Rooster, Duck, Goose, and Turkey all went to tell the chief that the sky was falling down. They walked along, clucking, pecking, quacking, honking and gobbling, and then they met Jackal.

Jackal asked, “Where are you going, Little Chicken, Rooster, Duck, Goose and Turkey?”

“Jackal,” they said, “we’re going to tell the chief that the sky is falling down.”

“Oh! But this is not the way to the chief,” said Jackal. “I know the right way. Shall I show you?”

“Yes, please, Jackal,” they answered.

“Follow me then,” said Jackal. “This way, quickly!”

So Little Chicken, Rooster, Duck, Goose, Turkey and Jackal all went to tell the chief that the sky was falling down. They walked and walked until they came to a narrow and dark hole. Now, this was the door to Jackal’s cave. But Jackal said, “This is the short way to the chief’s kraal. You’ll soon get there if you follow me. I will go first and you must follow me.”

“Thank you,” said Little Chicken, Rooster, Duck, Goose and Turkey.

So Jackal went into his cave. He didn’t go all the way to the end. He stopped halfway and turned around to wait. At last he saw Turkey coming through the dark hole into the cave. Turkey didn’t get very far when suddenly Jackal snapped at him and tore out a whole bunch of feathers.

“Oh no!” gobbled Turkey. “No, no, no!” He turned around to run out of the cave and bumped straight into Goose. Goose turned and bumped into Duck. Duck turned and bumped into Rooster. Rooster turned and bumped into Little Chicken. And Little Chicken? Little Chicken fell *PLOP!* on the ground.



Quickly she jumped up, and then every single one of them ran out of the cave as fast as they could! They ran and ran until at last, puffing and panting, Little Chicken, Rooster, Duck, Goose and Turkey got home safely. And that is where they stayed.

They never trusted Jackal again. Of course, none of them got to the chief’s kraal and no one ever told the chief that the sky was falling down.

And ... guess what? To this very day, it never has.




Isibhakabhaka siyawa!

Libaliswa ngokutsha nguWendy Hartmann ★ Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly

Indawo
yamabali

Ngenye imini ekwakugqatse ubhobhoyi uSikhukukazana waphuma esiya kufuna ukutya. Wathi esahamba phantsi kwemithi yemarula embalwa neshinyeneyo, weva ngephanyazo kusithi **SWAHLA!** – isiqhamo esisuka komnye wemthi leyo sawela phezu kwentloko yakhe.



“Owu! Kukho into ewe phezu kwentloko yam!” wakokoza uSikhukukazana. Wajonga phezulu kodwa akabona nto ngaphandle kwesibhakabhaka. “Yho naso ke isimanga,” watsho uSikhukukazana. “Nakanjani sisibhakabhaka. Isibhakabhaka siyawa. Mandiye kukuxelela inkosi oku.” Nanko ke ehamba ekokoza, kokokoko, kokokoko, waze wadibana noMqhagi uxhola-xhola apho ethafeni.

UMqhagi waphakamisa intloko ekuxholeni kwawo. “Iyaphi na indlela, Sikhukukazana?” wabuza.

“Ndiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa,” wacacisa njalo uSikhukukazana.

“Yho iyothusa loo nto! Ndingakukhapha siye kubika ezi ndaba enkosini?” wabuza uMqhagi.

“Ewe,” watsho uSikhukukazana, “yiza sihambe.”

Bahamba ke ngoko uSikhukukazana noMqhagi besiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa. Bahamba kunye bekokoza, bexhola-xhola, baze badibana noDada enyeleni yedama lefama le.

“Niyaphi na, Sikhukukazana noMqhagi?” wabuza uDada.

“Siya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa,” wachaza uSikhukukazana.

“Yho iyothusa loo nto! Ndinganikhapha siye kubika ezi ndaba enkosini?” wabuza uDada.

“Ngokuqinisekileyo,” kwatsho uSikhukukazana noMqhagi. “Yiza sihambe.”

Bahamba ke ngoko uSikhukukazana, uMqhagi noDada besiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa. Bahamba kunye bekokoza, bexhola-xhola, bekwikwiza, baza badibana noRhanisi.

“Iyaphi na indlela?” wabuza uRhanisi.

“Siya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa,” wachaza uSikhukukazana.

“Ndinganikhapha?” wabuza uRhanisi.

“Ewe,” watsho uSikhukukazana, uMqhagi noDada.

Bahamba ke uSikhukukazana, uMqhagi, uDada noRhanisi besiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa. Bahamba kunye bekokoza, bexhola-xhola, bekwikwiza kwaye behoki-hokiza ngokunjalo, baza badibana noKarikuni.



“Niyaphi na nina nonke?” wabuza uKarikuni.

“Siya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa,” wachaza uSikhukukazana.

“Ndinganikhapha?” wabuza uKarikuni.

“Owu ewe, ungahamba nathi,” kwatsho uSikhukukazana, uMqhagi, uDada kunye noRhanisi.

Bahamba ke uSikhukukazana, uMqhagi, uDada, uRhanisi noKarikuni, bonke besiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa. Bahamba kunye bekokoza, bexhola-xhola, bekwikwiza, behoki-hokiza kwaye begwityi-gwityiza ngokunjalo, baza ke badibana noDyakalashe.

UDyakalashe wabuza wenjenje, “Iya phi na indlela, Sikhukukazana, Mqhagi, Dada, Rhanisi nawe Karikuni?”

“Dyakalashe,” batsho bonke, “siya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa.”

“Owu! Kodwa niyalahleka nje, le asiyondlela eya enkosini,” watsho uDyakalashe. “Ndiyayazi indlela echanekileyo. Ndinganibonisa?”

“Ewe, sincece torho, Dyakalashe,” baphendula.

“Ndilandeleni ke,” watsho uDyakalashe. “Nantsi indlela, khawulezani!”

Bahamba ke ngoko uSikhukukazana, uMqhagi, uDada, uRhanisi, uKarikuni noDyakalashe, besiya kuxelela inkosi ukuba isibhakabhaka siyawa. Bahamba, bahamba bade baya kufika emngxunyeni omxinwa nomnyama. Lowo ke, yayingumnyango womqolomba kaDyakalashe. Kodwa uDyakalashe wathi, “Le ke yindlela enqumlayo eya kwinkundla yenkosi. Niya kukhawuleza nifike apho xa nithe nandilandela. Ndiza kungena kuqala nize ke nina nindilandele.”

“Siyabulela,” watsho uSikhukukazana, uMqhagi, uDada, uRhanisi noKarikuni.

Ngoko ke, uDyakalashe wangena emqolombeni wakhe. Zange angene ade afike esiphelweni. Wangena nje, wema emva kocango, wazimela khona, walinda. Ekugqibeleni wabona uKarikuni engena ngomngxuma omnyama emqolombeni. UKarikuni wayengekayi kude xa uDyakalashe emxhakamfula de wasiphula isipha seentsiba apho kuye.

“Yhu hayi!” wakhala uKarikuni. “Hayi, hayi, hayi!” Wajika ebaleka ukuphuma emqolombeni, waza wangqubeka kuRhanisi. URhanisi naye wajika, waza wangqubeka kuDada. UDada naye wajika, waza wangqubeka kuMqhagi. UMqhagi naye wajika, waza wangqubeka kuSikhukukazana. Wathini ke yena uSikhukukazana? USikhukukazana wathi **QUKULU!** wawa phantsi engalindelanga.



Ngokukhawuleza waxhuma wema ngeenyawo, yaza ingulowo nalowo wathi ngqe ukuphuma buphuthuphuthu kuloo mqolomba! Babaleka, babaleka bade ekugqibeleni bekhefuza futhi bedinwe benjalo, uSikhukukazana, uMqhagi, uDada, uRhanisi noKarikuni, bafika ekhaya bekhuselekile. Kulapho ke bathi bahlala khona.

Zange baphinde bamthembe uDyakalashe. Phofu ke, akuzange kubekho namnye kubo owaya kufikelela enkundleni yenkosi futhi akakho kubo owakhe waxelela inkosi ukuba isibhakabhaka sasisiwa.

Kwaye kananjalo ... qashisela? Kude kube nanamhla oku, asizange siwe.



Nal'ibali fun


Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.

What words or sentences would you use to describe the spider in the story, *Spider, the drummer*? Write these next to the legs of this spider to create your own poem about the character. Then give your poem a title.

Ngawaphi amagama okanye izivakalisi onokuzisebenzisa ukuchaza isigcawu ebalini elithi, *uSigcawu, umbethi-magubu*? Wabhale loo magama okanye ezo zivakalisi ecaleni kwemilenze yesigcawu ukuze uyile umbongo wakho ngalo mlinganiswa. Emva koko nika umbongo wakho isihloko.



2.

In this picture from *Spider, the drummer*, the villagers are talking about the celebration that they want to keep a secret from Spider. Complete the speech bubbles and thought bubble to show what they are saying and thinking.

Kulo mfanekiso osuka encwadini ethi, *uSigcawu, umbethi-magubu*, abantu belali bathetha ngombhiyozo abafuna ukuwufihla kuSigcawu. Bhala kumaqamza entetho nakumaqamza eengcinga ukubonisa abakuthethayo nabakucingayo.



3.

How many of the animals in the story, *The sky is falling down!* have wings? Can you name them?

Kwibali elithi, *Isibhakabhaka siyawa!* zingaphi izilwanyana ezinamaphiko? Ungazixela amagama azo?

Impendulo: (3) Zintlanu: inkukhu, umqhagi, idada, irhanisi, ikankuni

Answers: (3) Five: chicken, rooster, duck, goose, turkey

Don't forget that we will be taking a break until the week of **15 October 2017**. Enjoy the holidays, and join us after the holiday for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Ungalibali ukuba siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla we-15 kweyeDwarha kowama-2017. Yonwabela iiholide zakho uze usijoyine kwakhona emva kweholide ukuze ufumane ubugqi obongezelelekileyo bokufunda bakwaNal'ibali! Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ukuze ufumane amabali kunye novuselelo lokufundela ukuzonwabisa.

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW
Sunday
World



Drive your
imagination